UMHLA OSIKIWEYO OWANDISIWEYO WAMAKHWELO OTYUMBO LOKUZALISA IZIKHEWU KWIKHOMISHONI YEZENKCUBEKO YENTSHONA KOLONI

IKomiti eSisigxina yeMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo yePalamente yePhondo leNtshona Koloni imema uluntu ngokubanzi ukuba lutyumbe abantu abafanelekileyo ukuba bakhonze kwiKhomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni. Ezi zithuba ayizizo iindlela zengqesho esisigxina, nangona kunjalo, amalungu anyuliweyo aza kukhonza ixesha leminyaka emithathu ye-ofisi.

Injongo yale Khomishoni kukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo obekwe nguMphathiswa onoxanduva lwemicimbi yezenkcubeko. IKhomishoni yezeNkcubeko yeNtshona Koloni yasekwa ukuze iqalise iimfuno zoMthetho weKhomishoni yezeNkcubeko kunye naMabhunga ezeNkcubeko weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 14 ka-1998), kunye noMgaqo-siseko weNtshona Koloni. Amalungu ale Khonishoni aza kuba ligunyabantu elinika inkcaza lequmrhu kwaye aza kuba noxanduva lemiba enxulumene norhulumento ngokwemigaqo yamacandelo 49 ukuya kwelama 57 oMthetho woLawulo lweziMali zikaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) (PFMA).

Iimfuno
Abatyunjwa mabathobele oku:

- babe ngabemi boMzantsi Afrika bobuncinane iminyaka engama-21 ubudala kwaye babe ngabahlali abasisigxina baseNtshona Koloni;
- babe ngabameli kangangoko beyantlukwano yezenkcubeko yabantu baseNtshona Koloni; kwaye
  - bazi ngokupheleleyo ubuncinane ezimbini zeelwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni.
  - babe nolwazi lemiba yezenkcubeko kwaye mababe negalelo elibonakalayo kuphuhliso, ukhuthazo nogcino lwenkcubeko ngokunxulumene nabemi baseNtshona Koloni.

Abatyunjwa mababe nolwazi kunye/okanye amava kokunye koku lulandelayo:

- izifundo zezoshishino;
- izenzo zentengo kunye nolawulo;
- ulwazi nomqondo weyantlukwano yezenkcubeko;
- imbali yezenkcubeko, i-anthropoloji yezentlalo, umdlalo weqonga neelwimi;
- uhlalutyo notoliko lomgaqo-nkqubo;
- ulwazi oluqiqileyo lolawulo lwezimali kunye neemfuno zothotyelo ngokwemigaqo ye-PFMA.

Utyumbo malwenziwe kwifomu yotyumbo exeliweyo kwaye mayingeniswe ingabethanga eye-**12h00 ngoLwesihlanu, 10 Septemba 2021**.

Iifomu zotyumbo ziyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni kule dielesi: www.wcpp.gov.za. Iikopi zingacelwa kwiGosa leMigaqo yeeNkqubo leKomiti eSisigxina, uMnu Waseem Matthews, ukusukela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu phakathi kweyesi- 07h00 ne-15h30.

Iifomu zotyumbo ezizalisiweyo mazithunyelwe nge-imeyile ku **wmatthews@wcpp.gov.za**. I-CV efinyeziweyo, engekho ngaphezu kwamaphepha ama-3, ingangeniswa. Kukhethwa ukuba kungeniswe uxwebhu oluyondeleleneyo nolufakwe kwisikeni.
Sikhutshwe nguMnu RI Allen (MPP), uSihlalo weKomiti eSisigxina kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yezeNkcubeko nezeMidlalo.